URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Mandy Van Wyk**
ICandelo i-Cape Teaching and Leadership Institute
(kuqukwa ne-EDULIS)
Mandy.Vanwyk@westerncape.gov.za | 021 900 5026

Inombolo yefayili.: 23/2/1
Isalathiso: 20240606-4466

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-Cape Teaching and Leadership Institute: 0004/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelwana namaCandelo (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwaMaziko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-ISLES, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo

**Isihloko: Ukutyunjwa komboneleli-nkonzo omtsha wokupheka kwi-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)***

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni kutshanje lityumbe umboneleli-nkonzo omtsha wokubonelela nokulawula inkonzo yokupheka e-CTLI iminyaka emithathu.

2. Kuluvuyo ke ngoko ukunazisa ukuba ukususela nge-01 Julayi 2024, I-*Feedem Group (Pty) Ltd* ifumene isivumelwano sokubonelela ngazo zonke izidlo neziphungo kubasebenzisi beefasilithi ze-*CTLI*. Oku kuthetha ukuba abasebenzisi baya kunyanzeliswa ukuba basebenzise umboneleli-nkonzo olungiselela ukutya kwifasilithi ngokwemvumelwano enqamlezileyo yaye akukho batyisi bambi baya kuvunyelwa kwindawo leyo.

3. Kwakuba kungqinwe ukubhukisha e-*CTLI,* umenzi-sicelo makachaze iimfuno zakhe zokutya ngqo nalowo uqeshwe ngemvumelwano. Imenyu efanayo iya kufumaneka kubo bonke abasebenzisi yaye baya kunikwa iikhuphoni zokutya ezinokutshintshwa kufunyanwe ukutya/iiti, njl. njl. Ekupheleni komsitho, umsebenzisi ngamnye uya kunikwa i-invoyisi ngumthengisi (caterer) yaye iintlawulo ziya kusingathwa nge-*Procurement Management,* njengoko kumiselwe. Umboneleli-nkonzo okwifasilithi naye unokugunyaziswa ukuba abonelele ngokutya kwesebe ngaphandle kwendawo, ngaphandle kweenkqubo ezongezelelweyo zokuthenga. Iirejista eziqhelekileyo zokubakho emsebenzini kunye nee-invoyisi eziqinisekisiweyo maziqhotyoshelwe kwiziqinisekiso zentlawulo kuzo zonke iimeko.

4. Abo bacele indawo mabaqhagamshelane nomboneleli-nkonzo olungiselela ukutya kwakamsinya nje kwakuba kufunyenwe isiqinisekiso sokubhukisha kwabo e-*CTLI.* Ikowuteshini

esemthethweni mayicelwe kumboneleli-nkonzo ukulungiselela ukuveliswa kwenombolo yoku-odola esemthethweni yi-*Supply Chain Management (SCM)*.

5. Iiyunithi ze-*SCM* mazinikwe iintsuku ezingama-30 zokukhupha i-odolo ekuvunyelenwe ngayo kumboneleli-nkonzo ukulungiselela ukutya. Akukho kutya kuya kunikwa abasebenzisi ngaphandle kokuveliswa kwenombolo ye-odolo.

6. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ezikwifasilithi ze-*Feedem Group (Pty) Ltd* zezi zilandelayo:

| | |
|---|---|
| **Umntu emakuqhagamshelwane naye:** | Karen Pedro |
| **Ifowuni.:** | 021 900 5124 (office) |
| **I-imeyili:** | ctli@feedem.co.za |
| **Inombolo yeselula.:** | 084 788 6645 |

7. Siyathemba ukuba sinokuthembela kwintsebenziswano epheleleyo yabo bonke abasebenzisi, yaye sikholelwa ukuba eli lungiselelo litsha liya kwamkelwa ngabo bonke yaye liya kuba negalelo elikhulu ekuphuculeni ukusebenza kakuhle.

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-06-13